URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Gavin de Bruyn/Tamaryn Petersen
ICandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute*
(kuqukwa ne-*EDULIS*)
Gavin.DeBruyn@westerncape.gov.za | 021 900 5053
Tamaryn.Petersen@westerncape.gov.za | 021 900 5062

Inombolo yefayili: 23/2/7/7
Isalathiso: 20221205-9634

INgcaciso eMfutshane yeCandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute*: 0001/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kuBafundi, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente

Isihloko: libhasari ezingoPhuhliso lweZakhono zooTitshala (*Continuing Professional Development*) zootitshala abasenkonzweni zangowama-2023

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) ngentsebenziswano ne-*Education Training and Development Practices Sector Education Training Authority* (*ETDP SETA*) lenze ukuba kufumaneke iibhasari kootitshala ukwenzela unyaka wokufunda wama-2023 ukuze bafundele ukufumana la mabanga emfundo apheleleyo alandelayo:

	Ikhosi	**INqanaba le-*NQF***
i	*Advanced Certificate in Teaching* (*ACT*) *Foundation Phase* (Ixhaswa ngemali yi-*ETDP SETA* – ifundiswa yi-*University of Cape Town)*	6 likhredithi zili-120
ii	*ACT Intermediate Phase* (Ixhaswa ngemali liSebe i*WCED*– ifundiswa yi-*University of Cape Town*)	6 likhredithi zili-120
iii	*ACT Senior Phase Mathematics* (Ixhaswa ngemali yi-*ETDP SETA* – ifundiswa yi-*University of Cape Town*)	6 likhredithi zili-120
iv	*Advanced Diploma in Education* (*ADE*) *Senior Phase Mathematics* (Ixhaswa ngemali yi-*ETDP SETA*– ifundiswa yi-*Stellenbosch University*)	7 likhredithi zili-120
v	*ADE Senior Phase Natural Sciences* (Ixhaswa ngemali yi-*ETDP SETA*– ifundiswa yi- *Stellenbosch University*)	7 likhredithi zili-120

vi	*ADE Intermediate Phase Mathematics* (Ixhaswa ngemali liSebe i*WCED*– ifundiswa yi-*Stellenbosch University*)	7 likhredithi zili-120
vii	*ADE Mathematical Literacy Further Education and Training* (*FET*) (AmaBakala 11 no-12) (Ixhaswa ngemali liSebe i*WCED* – ifundiswa yi- *Stellenbosch University*)	7 likhredithi zili-120

2. Ootitshala abazifezekisayo ezi khrayitheriya zilandelayo banokwenza isicelo seebhasari:

	Ikhosi	**Iimfuno ezingummiselo ezona zisezantsi**
i	*ACT Foundation Phase*	• Ngootitshala abanamabanga emfundo emiseleyo yokufundisa kwi-*Relative Educational Qualification Value* (*REQV*) 13 (M+3) okanye ngaphezulu; • Ngootitshala abafundisa ngoku iSigaba seSiseko abangenawo amabanga emfundo amiselweyo; kunye • Nabanqwenela ukuba ngabafundi kufuneka ngokunjalo bazaneze iimfuno ezingummiselo zokwenza izifundo ezimiselweyo kwiyunivesithi ekwenziwe imvumelwano nayo.
ii	*ACT Intermediate Phase*	• Ngootitshala abanamabanga emfundo emiseleyo yokufundisa kwi-*REQV* 13 (M+3) okanye ngaphezulu; • Ootitshala abafundisa ngoku kwiSigaba esiPhakathi abangenawo amabanga emfundo amiselweyo; kunye • Nabanqwenela ukuba ngabafundi kufuneka ngokunjalo bazaneze iimfuno ezingummiselo zokwenza izifundo ezimiselweyo zeyunivesithi ekwenziwe imvumelwano nayo.
iii	*ACT Senior Phase Mathematics*	• Ngootitshala abanamabanga emfundo emiseleyo kwi-*REQV* 13 (M+3) okanye ngaphezulu • Ootitshala abafundisa ngoku iMathematika kwiSigaba esiPhakamileyo abangenawo amabanga emfundo amiselweyo; kunye • Nabanqwenela ukuba ngabafundi kufuneka ngokunjalo bazaneze iimfuno ezingummiselo zokwenza izifundo ezimiselweyo zeyunivesithi ekwenziwe

		imvumelwano nayo.
iv	*ADE Senior Phase Mathematics*	• Ngootitshala abanamabanga emfundo emiseleyo yokufundisa kwi-*REQV* 14 (M+4) okanye ngaphezulu • Ngootitshala abafundisa ngoku iMathematika iSigaba esiPhakamileyo. Kuya kuqalwa kukhethwe ootitshala abanamabanga emfundo amiselweyo (isatifikethi, idiploma okanye isidanga semfundo(*degree*)kwiMathematika; kunye • Nabanqwenela ukuba ngabafundi kufuneka ngokunjalo bazaneze iimfuno ezingummiselo zokwenza izifundo ezimiselweyo kwiyunivesithi ekwenziwe imvumelwano nayo.
v	*ADE Senior Phase Natural Sciences*	• Ootitshala abanebanga lemfundo esisidanga se-*BEd*, abaziingcali zokufundisa kwiSigaba esiPhakamileyo abafundisa ngoku i-*Natural Sciences* kwiSigaba esiPhakamileyo; okanye • Ootitshala abanamabanga emfundo yeSatifikethi i-*Postgraduate Certificate in Education* (*PGCE*), abaziingcali zokufundisa kwiSigaba esiPhakamileyo abafundisa i-*Natural Sciences* kwiSigaba esiPhakamileyo ngoku; okanye • Ootitshala abanamabanga emfundo kwi-*Higher Diploma in Education* (*HDE* – kwinqanaba le-*NQF 7*), abaziingcali zokuFundisa kwiSigaba esiPhakamileyo abafundisa ngoku i-*Natural Sciences* kwiSigaba esiPhakathi; okanye • Ootitshala abanamabanga emfundo

		ayi-*Advanced Certificate in Education* (*ACE*) (ngaphambili besikwiNqanaba-*NQF* 6), abaziingcali zokufundisa kwiSigaba esiPhakamileyo abafundisa ngoku i-*Natural Sciences* kwiSigaba esiPhakathi; kunye • Nabanqwenela ukuba ngabafundi kufuneka ngokunjalo bazaneze iimfuno ezingummiselo zokwenza izifundo ezimiselweyo kwiyunivesithi ekwenziwe imvumelwano nayo
vi	*ADE Intermediate Phase Mathematics*	• Ootitshala abanamabanga emfundo okufundisa amiselweyo kwi-(*REQV*) 14 (M+4) okanye ngaphezulu; • Ootitshala abafundisa ngoku iMathematika kwiSigaba esiPhakathi. Kuya kuqalwa kukhethwe ootitshala abanamabanga emfundo yobutitshala amiselweyo (isatifikethi, idiploma nesidanga) kwiMathematika; kunye • Nabanqwenela ukuba ngabafundi kufuneka ngokunjalo bazaneze iimfuno ezingummiselo zokwenza izifundo ezimiselweyo kwiyunivesithi ekwenziwe imvumelwano nayo.
vii	*ADE FET Mathematical Literacy*	• Ootitshala abanamabanga emfundo esisidanga se-*BEd*, abaziingcali zokufundisa iMathematika yeSigaba se-*FET* okanye ulwazi lwesifundo olunxulumene ne-Mathematika yeSigaba se-*FET*, abanamabanga emfundo anemodyuli enye yeMathematika, babe ngoku bafundisa i-*FET Mathematical Literacy* (AmaBakala 11&12); okanye • Ootitshala abanamabanga emfundo esisidanga kunye ne-*PGCE*, abaziingcali zokufundisa iMathematika yeSigaba se-*FET* okanye ulwazi lwesifundo olunxulumene ne- iMathematika yeSigaba se-*FET*, abanamabanga emfundo anemodyuli enye yeMathematika, babe ngoku bafundisa i-*FET Mathematical Literacy* (AmaBakala

		11&12); okanye • Ootitshala abanamabanga emfundo e-*HDE* (Inqanaba le-*NQF* 7), abaziingcali zokufundisa iMathematika yeSigaba se-*FET* okanye ulwazi lwesifundo olunxulumene ne-Mathematika yeSigaba se-*FET*, abanamabanga emfundo anemodyuli enye yeMathematika, babe ngoku bafundisa i-*FET Mathematical Literacy* (AmaBakala 11&12); okanye • Ootitshala abanamabanga emfundo eyi-*ACE* (ngaphambili aliNqanaba le-*NQF* 6), abaziingcali zokufundisa iMathematika yeSigaba se-*FET* abanolwazi lwesifundo olunxulumene neMathematika yeSigaba se-*FET*, abanamabanga emfundo anemodyuli enye yeMathematika, babe ngoku bafundisa i-*FET Mathematical Literacy* (AmaBakala 11&12); kunye • Nabanqwenela ukuba ngabafundi kufuneka ngokunjalo bazaneze iimfuno ezingummiselo zokwenza izifundo ezimiselweyo kwiyunivesithi ekwenziwe imvumelwano nayo.

3. Ngootitshala kuphela abakwezi ndidi zichazwe ngentla abanokwenza isicelo.

4. Izicelo ziya kuthathelwa ingqalelo ngokuxhomekeke ekubeni umenzi-sicelo ngamnye uyazifezekisa na ezi mfuno zimiselweyo zilandelayo:
   (i) Makabe **uqeshwe isigxina** liSebe i*WCED*.
   (ii) Makazifezekise iimfuno ezimiselweyo zokwamkelwa kwiyunivesithi echaphazelekayo.
   (iii) **Makabe akayifumananga** enye ibhasari karhulumente okanye nayiphi na enye ibhasari.
   (iv) **Makabe akabhalisanga** kwenye iyunivesithi nokuba yeyiphi na xa esenza esi sicelo okanye xa ebhalisa.
   (v) Ukuzibophelela kwenqununu yesikolo ekubeni umenzi-sicelo uya kuhlala ekwisigaba kunye/okanye kwisifundo esifanelekileyo kangangeminyaka emibini yezifundo zakhe kwakunye nakwiminyaka emithathu emva kwaleyo akuba eliphumelele elo banga lemfundo.

5. Zombini iiprogram zamabanga emfundo i-*ACT* ne-*ADE*, ziya kufundiswa emva kweeyure zomsebenzi (*part-time basis*) kwisithuba seminyaka emibini, ukususela ngoFebruwari 2023 ukuya ku-Disemba 2024. Umsebenzi wekhosi uya kubandakanya ukufunda ngokwabelana nabanye abafundi kusetyenziswa izixhobo zethekhnoloji ukungena kunxibelelwano lwe-

intanethi (*network education*), kwakunye neeseshoni zokufunda ezinyanzelekileyo ngethuba leeholide zesikolo.

6. Ibhasari nganye ekhutshiweyo iya kuhlawulela ubhaliso neefizi zezifundo. I-*ETDP SETA* okanye/neSebe i*WCED* ziya kuhlawula iindleko ezinxulumene nobhaliso kunye neentlawulo zezifundo ngqo kwiziko lemfundo ephakamileyo elichaphazelekayo.

7. Indawo yokulala ngethuba leeseshoni zendibano zokufunda apho kufanelekileyo iya kwenzelwa amalungiselelo liSebe i*WCED* yaye iya kubonelelwa kuphela kootitshala abavela kwiingingqi zasemaphandleni. Indawo yokulala kwiiseshoni zethuba elinye eliqingqiweyo (*block sessions*) neeseshoni zangeMigqibelo (apho kunokusetyenziswa) ziya kuba se-*Cape Teaching and Leadership Institute*.

8. Apho kufanelekileyo, iindleko zokukhwela izithuthi ukuya nokubuya kwiindawo ekuqhutywa kuzo uqeqesho ziya kuhlawulwa liSebe i*WCED*, ngokuxhomekeke ekubeni bayakhwelisana ootitshala abazicelo zabo ziphumeleleyo abasuka kuloo dolophu okanye kweso sikolo sinye.

9. Abenzi-sicelo abaphumeleleyo baya kuba noxanduva lweendleko zezixhobo zokuxhasa ukufunda, apho kufanelekileyo.

10. Abenzi-sicelo abaphumeleleyo baya kukwaziswa ukuba yeyiphi iyunivesithi eza kufundisa iiprogram ngokwahlukeneyo.

11. Abenzi-sicelo abanqwenela ukuqwalaselelwa iikhosi ezahlukeneyo neebhasari bayacelwa bazalise iifom **zesiHlomelo A** esiqhotyoshelweyo (iFom yesicelo) **nesiHlomelo B** (iFom yemvumelwano) bazingenise zombini, ngokugqitha kwiinqununu, ungadlulanga **owe-16 Februwari 2023.**

12. Izicelo mazingeniswe ngekhompyutha kule linki inikwe ngezantsi: https://forms.gle/MPxaxY3igqZHbjGC9

13. Umenzi-sicelo kufuneka athathele ingqalelo **isiHlomelo C** esiya kumnika isikhokelo samanyathelo esenzelwe ukufaka amaxwebhu ahamba nesicelo. Kucelwa ukuba uwalandele ngononophelo amanyathelo okungenisa isicelo njengokuba ukungeniswa kwamaxwebhu angaphelelanga kuya kukhokelela ekubeni zingaqwalaselwa.

14. Yonke imibuzo mayithunyelwe ngqo kule dilesi ye-imeyili ilandelayo: **ctlibursaries@wced.info**

15. **Kucelwa kuqatshelwe okulandelayo:**
    - **Akukho zicelo ezifakwe ngesandla ziya kwamkeleka;**
    - **izicelo ezinengcaciso engaphelelanga okanye ezingafundekiyo azisayi kuqwalaselwa; yaye**
    - **izicelo ezithunyelwe ngefeksi azisayi kwamkelwa.**

16. Izicelo ezifunyenwe emva komhla osikiweyo **we-16 Februwari 2023** azisayi kuqwalaselwa.

17. **Abenzi-sicelo kufuneka baqaphele okulandelayo**
    - **Ikhosi eniyikhethayo** mayichazwe ngokucacileyo kwifom yesicelo.
    - **Iikopi eziqinisekisiweyo:**
      (i) zesatifikethi sematriki,
      (ii) zeerekhodi zezifundo aziphumeleleyo (*academic record*),
      (iii) isatifikethi (izatifikethi) samabanga emfundo, kunye
      (iv) nekopi yesazisi mazingeniswe nesicelo sakho.
    - Isicelo **masisayinwe yaye singqinisiswe** (ifom yesicelo esayiniweyo) **ngumenzi-sicelo, yinqununu yakhe kunye nomphathi wesekethe**.
    - Ngaphandle kokungqinisiswa yinqununu nomphathi wesekethe, isicelo siya kuthathwa njengesineenkcukacha ezingaphelelanga yaye asiyi kuqwalaselwa.

18. Ngokuzalisa **isiHlomelo B,** abenzi-sicelo abaphumeleleyo baya kungena kwimvumelwano emiselweyo neSebe i*WCED* yokwenza inkonzo yonyaka ngonyaka ngamnye ebenikwe ngawo ibhasari, kwakunye nokuba athobele neminye imiqathango echazwe kwimvumelwano.

19. Kucelwa niqinisekise ukuba okukule ngcaciso imfutshane kwaziswa bonke ootitshala abasesikolweni senu ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2023-02-07